

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAPGP YOPHUHLISO LWABAVELISI



UWilliam Raphoto, umLimi woNyaka wama2023 oRhwe-bayo weNew Era weGrain SA/Absa/John Deere Financial.



ABALIMI ABASEBENZA NZIMA - babhigozela impumelelo yabo

OLUNYE LWEENTSUKU EZIZEZONA ZIMABALABA KWIKHALENDAYASEGRAIN SA, LUQHUTYWE NGOMHLA WAMA20 KUSEPTEMBA ENAMPO PARK. USUKU LWEMIBHIYOZO ALWE-NZELWA UKONWABELAIYANTLUKWANO ETYEBILEYO YASEMZANTSIAFRIKAKUPHELA, KODWA LUQUKA UTHANDO OLUSHUSHU LOLIMO OLUMANANYISAYO NOLUKHOYO PHAKATHIKOLUNTUOLWENZAUMSEBENZIWOKUFAMA KWELI LIZWE.

Injongo yetheko lembihiyozo kukubalula abalimi abasahlumayo abayinxalenye yeNkqubo yePGP yoPhuhliso labaLimi abaziincutshekwiZintlu zabo. Amalungiselelo elitheko ebebandakanya uhambo Iwabagwebi bephuma kuzo zonke iinkalo zoMzantsi Afrika ukuze kuchongwe abaggwese kwizintlu ezahlukeneyo.

UDerek Mathews, usihlalo waseGrain SA, uvuyisene nabo bonke abaggwesileyo kune nabaphumelele emaggabini, esithi bafanele ukubalulwa abalimi kuba bahlala emasimini abo naxa libalele okanye lisina. 'Yiba nebhongo ngokuba ngumlimifuthi usebenzise onke amathuba owafumanayo. Gcinani izithembiso zenu ukuze sikhule kune,' uqoshelise ngelo.

INKQUBO

Inkokeli yophuhliso Iwabalimi yaseGrain SA, uGq Sandile Ngcamphalala, noJeremia Mathebula, usekelasihlalo waseGrain SA, undulule iPhahama Grain Phakama (PGP) ngethuba letheko. I-PGP yingalo ezimeleyo yaseGrain SA kwaye yenza elinye lamacandelo ombutho angundoqo oshishino. Injongo yenqubo kukunika amashishini okufama ngamanye inkxaso ukuze akwazi ukuzenzela uzinzo ngokunjalo nokwenza igalelo elibalulekileyo kugqaliselo Iwesizwe Iwecandelo lolimo elimanyeneyo nelinenqubela.

Abameli babaxhasi, uLangelihe Simela (umphathi wophuhliso Ioshishino: eAbsa AgriBusiness Centre of Excellence), uSakhumzi May (umphathi olibambela lesiqqeba esilawulayo: eAgricultural Economics and Advisory, Landbank), uGq Nolwazi Mkize (inkokeli yolawulo eAfrika, eBayer), uDiale Tilo (umbhexeshi wesiqqeba esilawulayo, kwiKgodiso Development Fund), uFortune Mathiba (umphathi wemisebenzi eJohn Deere Financial), uAndries Wiese (Holland Insure) noMarthinus Loock (umphathi okwibanga eliphezelu: eAgriBusiness eStandard Bank) banikene amathuba okuthetha ngokubaluleka kophuhliso Iwabalimi nangendima yale mibutho ngaminye kulwahlulelwano neGrain SA.



Abalimi abasebenza nzima...

NGOKUNJALO ABAGQWESI-LEYO NGABA...



1

1: Abagqwesileyo kuluhlu lomLimi woNyaka oLimela ukuziPhilisa (kwiifoto ngasekunene) ibinguThabisa Mthwayi, uBeauty Gumbi Bisisiwe noPortia Msibi. Bonke baumene ibhaso elivelva eBacksaver Farming Equipment. Ophumeleleyo, uPortia, unoDerek Matthews ovuyisana naye.

UMLIMI WONYAKA ORHWEBA KANCINANE WEGRAIN SA

UNkosinathi Hadebe, ufama emhlabeni ohlanganyelweo ngaseNewcastle KwaZulu-Natal. Lo mlimi owayelipola ufama ngombona nangemfuyo kwaye wayefundiswe ngabazali bakhe ngomsebenzi wokufama. Ungene kwiqela lofundonzulu laseGrain SA ngowama2019 waze waqalisa kwihekture ezi2 zombona apho azandisele ukuya kwihekture ezili15 esebeenzisa oomatshini bakhe. UHadebe urenta ama230 eehekture zedlelo lokutyisa imfuyo yakhe.



3

3: Abagqwesileyo kuluhlu lomLimi woNyaka oRhweba kaNcinane nguAmos Mahlangu, uNkosinathi Hadebe noSiphiwo Mahlinza. Belungako ke uncumo lwalowo uphumeleleyo, uNkosinathi Hadebe – lovo obenaye yinkosikazi yakhe uSibongile.



UMLIMI WONYAKA OLIMELA UKUZIPHILISA WEGRAIN SA/ ABSA/JOHN DEERE FINANCIAL

UBusiwe Msibi ufama kumhlaba okufuphi eVolksrust. Wangenela inkubo yaseGrain SA's yaNgaphaya kwe-Ndyebi kwiminyaka elithoba edlulileyo. Kwixesha lokulima lama2022/2023 ulime umbona kwihekture ezi3 kunye neembotyi ezomileyo kwihekture engange0,5. Emzini wakwaMsibi balindlele ukuvuna isivuno sombona siphelele esimalunga neetoni ezili14.

2: Abagqwesileyo kuluhlu lomLimi woNyaka one-Sakhono sokuRhweba nguPhilani Khoza, uZoliwe Nombewu noKopano Lentswetshipi. Nangu ophumeleleyo owanwabe kakhulu, uPhilani, encumele usapho lwakhe kunye nabahlobo.



2

UMLIMI WONYAKA ONESA-KHONO SOKURHWEBA WEGRAIN SA

UPhilani Khoza waseDukuza Kwa-Zulu-Natal, ulima umbona neembotyi zesoya. Ungene eGrain SA ngowama2014 waze ngokuncedwa yinkubo yeengcebiso, waqalisa ukulima ihekture e1 eseyande yaba ziihekture ezingama82. Izicwangciso zexesha elizayo zezokwandisa iihekture zomhlaba olynyelwa urhwebo asawurentayo kwithuba langoku ngaseBergville ukuze ekugqibeleni afumane owakhe umhlaba.

lifoto zithathwe nguLizel Snyman.





4

4: Abaggwesileyo abathathu kuluhi lomLimi woNyaka oneSakhono sokuRhweba nguWilliam Raphoto, uBothlaleTshabalala noLuvuyo Mbutho. UmLimi woNyaka wama2023 oRhwebayo weNew Era, uvuyisana nomphathi wophuhliso wengingqi, uDu Toit van der Westhuizen. Esandeni sakhe kukho isitshixo setrekta yokusebenza entsha rhaca iJohn Deere 5075E.

UMLIMI WONYAKA ORHWEBAYO WENEW ERA WEGRAIN SA/ABSA/JOHN DEERE FINANCIAL

UWilliam Raphoto uhambe neli bhaso lebhongo kanye ne-trekta yokusebenza entsha rhaca iJohn Deere 5075E. Ufama ngombona nangoo-jongilanga kwiihktare ezingama510 (owakhe umhlaba ziihktare ezi-ngama210) kufuphi eLichtenburg eMntla Ntshona. UWilliam ube lilungu leGrain SA ngowama2005 waze wangena kwiKlabhu yeeToni ezingama500 kulo nyaka.



5

5: UJeremia Mathebula noGq Sandile Ngcamphala bavuyisana ngempumelelo yesindululo sePGP.


Eminye imifanekiso yetheko kwiphepha lesi8.



**VALERIE CILLIERS,
UMHELEI, SA GRAAN/GRAIN**



AMAZWI (OKUGQIBELA) AVELA... kuJenny Mathews



S

IFIKE ESIPHELWENI SONYAKA KODWA KUBALIMI ABANINZI BEENKOZO KWE-LI LIZWE SISIQALO SEXESHA ELITSHA LOKULIMA IZITYALO. KUM KE, SISIPHELO SESIGABA SOBOMI BAM!

Emva kweminyaka eli18 yokuzibandakanya neGrain SA, ngo-ku kufike ixesa lokuba ndihoye ezinye izinto. Intliziyo Yam iphuphuma ngawo onke amava atyebileyo endiwafumene emsebenzini wam. Ndinombulelo ngamathuba endiwafumeneyo okudibana namalungu amaqela eGrain SA asebenza ngokuzinikela, abanobuchule bokunika inkxaso nophuhliso kubalimi.

Abalimi abasebenza nzima kweli lizwe bandikhuthaze kangan-gokuba ndibe nothando olushushu lophuhliso kwicandelo lolimo. Ndibhale iingxelo, amanqaku kanye neencwadana zo-qeqesho. Ndisebenze njengomgwebi kumLimi woNyaka ndafumanisa ukuba kuya ngokuba nzima ukukhetha oyena mgqwesi kwabagqwesileyo – kuba sebebaninzi abalimi abasuke baba ngamachule anokubalulwa ngomsebenzi abawenzayo. Ndithethile ngemibandela echaphazela abalimi abasaphuhlayo futhi ndatetha nabezopolitiko ndikunye nani sibaxeleta ngezidingo zethu.

Ndifundisile – kodwa ndifundiswe ngokuthe kratya!

Bendinepowusta enala mazwi enkuthazo kudonga lweklasi Yam: 'Musa ukwenza isiggibo ngosuku ngalunye ngokwesivuno osivunayo kodwa senze ngokwembewu oyilimayo.' Umsebenzi wophuhliso awululanga. Inkubo yalo iholisa ukuba ngamanyathelo amabini okuya phambili lize libe linye elokubuya umva. Kanti ziba ninzi kakhulu neemfihlelo ezingamayelenqe, ipolitiki kanye nokunyoluka okuxaba endleleni yezinto ezintle ezinokwenzeka. Uphuhliso lufuna ubukho benguuko kanti ifezeka nzima inguquku. Phofu inguquku nayo ilungle, nangona kungcono ukuguqukela kokunye!

Eli lixesha lokuba abalimi abavela kuzo zonke iinkalo zoluntu olulima iinkozo babe nonxibelelwano, bafumane ulwazi futhi bazithethe izimvo zabo. Balimi, ncedani sebenzisani amajelo enu onxibelelwano futhi niqinisekise ukuba niyamanyelwa! Thetheleni iGrain SA/Phahama Grain Phakama. Xelelani abaqlunqi benu bemigaqonqubo nabensi bezigqibo ngengqiqo nangokuxabiseka kweNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi. Baxeleleni ukuba nifuna ukuba nolwahlulelwano nabani kuhambo lophuhliso! Njengoko watsho uMartin Luther King: 'Isiqalo sobomi bethu sipelelwaa ngemini yokuqala yokuthi cwaka ngezinto ezibalulekileyo.'

Ndiyanibulela ngamathuba endiwafumeneyo okunika inkonzo kubalimi beenkozo belizwe lwethu. Wanga uThixo angasisikelela ngokunjalo nomsebenzi wezandla zethu.

– *UJenny Mathews unike inkonzo kwiQela eliSebenza ngoPhuhliso IwabaLimi ukususela ngowama2005 ukuya kuma2023, engusihlalo walo kwiminyaka esixhenxe. Igalelo lakhe kwiPula liya kuhunjuwa kakhulu.*



Hlalutya imeko yemizimba yeenkomo

MLINGANISELO WEMEKO YEMIZIMBA (BODY CONDITION SCORING - BCS) YEENKOMO UVUMELA ABALIMI UKUBA BAHLLALUTYE AMAFUTHA AGCINEKE EZINKOMENI KWIZIGABA EZAHLUKENYO ZEMVELISO. XA ZIVAVANYWA NGAMAXESA ASENTLOKO OKUPHUHLA, EZI NKCUKACHA ZINOKUSETYENZISELWA IZIGQIBO NGOLAWULO NANGOKNDLA. INJONGO YE-BCS KUKUFUMANA UMLINGANISELO ONGENABUGOCIGOCI NONOKUTHENJWA WEQONDO LAMAFUTHA AGCINEKE KWIMIZIMBA YEZILWANYANA EZIPHILAYO.

Kubalulekile ukuba umlimi agcine amehlo akhe kwiinkomo zakhe futhi achithe ixesha ephakathi komhlambi wakhe ukuze awugcine uteybile, kodwa zinto zini umlimi afanele ukuziqwalasela xa ephakathi kweenkomo zakhe? Owona mba ubalulekileyo kukuqinisekisa ukuba isisu senkomo nganye sihlohlekile nokuba nangezolo besihlohleke kakuhle. Oku kubaluleke kakhulu, njengoko ukondleka ngokwaneleyo kuya kukhokelela ekuveleli kwamathole. Ngoko ke, kubalulekile ukujonga kwiBCS kuba oko kuya kunceda umlimi ukuba ahiale ekhondweni lento eyenzeka kuwo wonke unyaka.

UKONDLA NOLAWULO


Abaufyi beenkomo bangasebenzisa iBCS ukuqinisekisa ukondla nolawulo, ukuze oko kuqinisekise ukuba iinkomo zokwandisa umhlambi zikwimeko efanelekileyo kwizigaba ezahlukahlukileyo zomjikelo wazo wemveliso. Kungathathwa inyathelo lokuqwalasela ngakumbi iinkomo ezikwimeko engancomekiyo kumabanga abalulekileyo. Umlinganisel wemeko ungaqhutywa lula kwiimko aphi kungenakwenzeka khona ukulinganisa ubunzima bomzimba.

Umgao womlinganiselo wemeko yomzimba ufundeka lula kwaye uluncedo kakhulu xa usenziwa rhoqo ngumntu omnye kumhlambi omnye kwiminyaka eliqela. Ukusetyenziswa kobuchwepheshes njengokuthatha iffoto zenkomo nganye rhoqo kungancedisa ekuchongeni iinguquko enkomeni.

I-BCS YEENKOMO ZENYAMA

Ukwahlukanisa iBCS yeenkomo zenyama kuneziphumo eziliqela ezikwaziyo ukwenzeka. Imeko yeenkomo kwisigaba sokufumana amathole inxulumene nomgangatho wenkomo nganye wokwanyisa, ngokunjalo nempilo yethole elisandul' ukuzalwa. Iziganeko zobunima bokuzala ziyanza kumathokazi atyebe ngokugqithisileyo, nangona le meko ikholisa ukubonakala njengonobangela wobunzima bokuzala kwiinkomo ezindala.

Nangona kunjalo, imeko yeenkomo ezikhulisa amathole iyawuchaphazela umgangatho wazo wokuzala ngokubhekiselele kwnani leenkonzo ezifuneka ngexesha ngalinye lokukhulelw, elesiqabu



Impawu zeemvavanyo ezisetyenziswa kwiBCS.

ekuzaleni, kune nepesenti yeenkomo ezingakwaziyo ukukhulelw ngexesha lokwandisa umhlambi.

Kusetyenziswa amanani aqulethwe kwinkubo yeBCS ukuchaza ukutyeba okuthelekisekayo okanye ukwakhaka komzimba wenkomo. Inkubo yokwenza umlinganiselo wemeko yomzimba malunga neenkomo zenyama unoluhlu olusuka kwisinye ukuya kwisihlanu, aphi elinye inani elisisinye limele iinkomo ezibhitye kakhulu lize elisisihlanu limele iinkomo ezityeb kakhulu. Inkomo eneBCS yenani elisisithathu likwimeko ephakathi. Uvavanyo lugqalisela kwithambo lomqolo, iimbambo, amathambo eenyonga, ithebe, amathambo asemacaleni entloko yomsila, intloko yomsila nethanga, njengoko kubonakala kwiimpawu zeemvavanyo ezisetyenziselwa kwiBCS ziboniswa **kwiFoto 1**.


Qwalasela okulandelayo xa usenza umilinganiselo wemeko yemizimba yeenkomo (Jonga Isazobe soku1 neseseti2):

- Ithambo lomqolo: Ingaba lisicaba okanye kukho uqolo? Izikhewu uzibona okanye uziva lula?



linkomo ezithande ukubhitya zitsolo kakhulu, zinezibotho kwaye zingamathambo nolusu, lo gama ezityebileyo zikhangeleka zigudile futhi zinkulu kanti nokwakhaka kwamathambo azo kuya ngokufihleka emehlweni naxa zichukunyiswa ngesandla.





Isazobe 1: Izikhokelo zokusebenzisa iBCS ngokucofacofa iindawo ezigqume amafutha.

Umthombo weenkukacha: <https://www.pakdairyinfo.com/bcs.htm>

- limbambo ezinde: limbambo uzibona okanye uziva lula? Ukuba zi-yabonakala, zingaphi ozibonayo?
- limbambo ezimfutshane: Ingaba uyazibona iimbambo ezimfutshane? Zivakala njani? Ingaba iziphelo zeembambo zibukhali okanye zingqkuva?
- Amathambo eenyonga: Ingaba iinyonga zingqkuva okanye zineembombo?
- Ithebe: Ingaba indawo ephakathi kwasemacaleni omsila namathambo eenyonga, isicaba, itshonile okanye igobongqo?
- Amathambo asemacaleni entloko omsila: Ingaba abukhali, 'asabuthambeka' okanye angqkuva?
- Intloko yomsila: Ingaba kukho isithuba esigobongqo phakathi kwentloko yomsila namathambo asemacaleni entloko yomsila? Inemilo kanobumba uV onzulu okanye yimilo kaU osidibi?
- Ithanga: Ingaba le ndawo ibothokile, isicaba okanye ingqkuva? Ingaba kucacile ukwakheka kwesihlunu?

Singatsho ukuthi le nkubo ilula: linkomo ezithande ukubhitya zitsolo kakhu, zinezibotho kwaye zingamathambo nolusu, lo gama ezityebileyo zikhangeleka zigudile futhi zinkulu kanti nokwakheka kwamathambo azo kuya ngokufihleka emehlwini naxa zichukunyiswa ngesandla.

Ngokuthelekisa eyona BCS intsha neBCS yexesha elidlulileyo, inguquku ingalinganiswa futhi kuthathwe amanyathelo okuphumeza izilungiso. Ukutshintsha izondlo ezikhethwayo okanye iikampu kunganeftu elikhulu kwiBCS kuze ekugqibeleni licace nakwipesenti yamathole azalwayo. Umlinganiselo wemeko yemizimba yeenkomo osisinye okanye osisibini uya kuphucula ukuqukwa kombona kumxube wezondlo.


Khumbula ukuba umjelo wokucolwa kokuty ohlolekileyo nokumitha osele kuhambele phambili kungasenza ngathi sityebile isilwanyana, nangona kungenjalo.

Abafuyi bafanele ukuggalisela ekugcineni iBCS yeenkomo iphakathi komlinganiselo wesibini nowesine, ugqaliselo lube kowesithathu. Kwakuba kwensiwe oku, iinkomo ziya kuzala amathole kwaye inkomo nganye iya kukhupa ubisi olwaneleyo zize zilumle amathole asempilweni. Imeko yemizimba yezilwanyana, ngakumbi ngexesha lokufumana amathole, inefuthe elikhulu kwiziphumo zokumitha kwimisebenzi enxulumene neenkomo-amathole.

Sebenzisa ithuba elide kangangonyaka usenza umlinganiselo wemeko yemizimba yeenkomo zomhlambi wakho (nokuba ligcuntswana


Condition score 1

Backbone prominent
Hips and shoulder bones prominent
Ribs clearly visible
Tail-head area recessed
Skeletal body outline




Condition score 2

Backbone visible
Hips and shoulder bones visible
Ribs visible faintly
Tail-head area slightly recessed
Body outline bony




Condition score 3

Hip bones visible faintly
Ribs generally not visible
Tail-head area not recessed
Body outline almost smooth




Condition score 4

Hip bones not visible
Ribs well covered
Tail-head area slightly lumpy
Body outline rounded



Condition score 5

Hip bones showing fat deposit
Ribs very well covered
Tail-head area very lumpy
Body outline bulging due to fat



Isazobe 2: Izikhokelo zomlinganiselo wemeko yemizimba yeenkomo.

Umthombo weenkukacha: https://www.researchgate.net/figure/Cattle-body-condition-scoring-system-Anon1994-Body-condition-scores-BCS-of-1-5-were_fig14_267948147

lomhlambi) ngamaxeshwa athile acwangciselweyo ngexesha lokulima. Oku kuya kunceda ngokuba ukwazi ukwenza izigqibo unolwazi malunga nokulunyulwa kwamathole, ukunikwa kokuty okuzizixhaso, ifula neminye imigaqo yolawulo enokuchaphazela iimeko zemizimba yeenkomo.

Ulawulo lokuthintela ingxaki ukuba mayingekenzeki lungabanceda abafuyi ukuba bagcine iinkomo zabo zikwimeko efanelekileyo ngokoqosho, ukuze oko kuvumele umsebenzi ukuba ufikelele kowona mgangatho uphezulu wokwandisa umhlambi. ■



**PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIMELEYO
KWEZOLIMO**

UQWALASELO OLUNZULU lwexesha elidlulileyo lokulima umbona

KWEYONA NXALENYE INKULU YENDAWO ELINYWA UMBONA, IXESHA LOKULIMA SELIDLULE. MAKHE SIJONGE EMVA KWIXESHA LOKULIMA UMBONA LAMA2022/2023.

Xa sijonga emva kweli xesha lokulima, siza kulithelekisa namaxesha okulima adlulileyo amane size siwahlule ngokwamacandelo amabini.

- Icandelo lokuqala liya kugqalisela kumgangatho wentengiso nowentengo, kuze kuqukwe nokulandelayo: Impahla yokuvula, impahla yokuvala, intengiso iphelele, intengo iphelele kunye nepesenti yempahla-eza-kusetyenziswa.
- Icandelo lesibini liza kugqalisela ngakumbi ekuguquguqulweni kombona kunye nalowo uthengiswa ngaphandle, oko kuquka osetyenziswa ngabantu, osetyenziswa zizilwanyana/ngamashishini

nothengiswa kumazwe angaphandle. Injongo yeli nqaku kukulanganisa umgangatho wokusebenza walo nyaka xa uthelekisa no-mgangatho weminyaka emine edlulileyo.


INTENGO NENTENGISO

Igrafu 1 ibonisa umgangatho wentengiso yombona ngokubhekiselele kwimpahla ekuvulwe ngayo (umgca oblowu), intengiso iphelele (umgca o-orenji), intengo iphelele (umgca omthubi), impahla ekuvalwe ngayo (umgca oblowu obungekho nzulu) kunye nepesenti yempahla-eza-kusetyenziswa njengomgca oluhlaza.

Xa kuthelekisa impahla yokuvula, kucacile ukuba bekukho isiqhelo esandayo ukususela kwixesha lokulima lama2020/2021 ukuya phambili kwelama2022/2023. Esi siqhelo sikwabonakala kwintengiso iphelele, kodwa kuphela ukususela kwixesha lokulima lama2019/2020

1


Intengo nentengiso yombona.



Umthombo weenkukacha: SAGIS, NAMC, Grain SA

2

Umbona oguquguqulweyo nothengiswe ngaphandle.



Umthombo weenkukacha: SAGIS, NAMC, Grain SA





kude kube lelama 2021/2022. Kwixesha lokulima lama 2022/2023, kuya kubakho inani lentengiso elithande ukuba phantsi ngenxa yokutyala amanani aphantsi kwaye ngoko ke, kubakho impahla encinane yokuvula neyokuvala yexesha lokulima lama 2023/2024.

Umhetho osentloko uthi ipesenti yempahla-eza-kusetyenziswa ifanele ukuba malunga ne 12% ukuze ingabi nesiphumo esisengela phantsi amaxabiso. Njengoko kubonakala kwif Grafu 1, ipesenti yempahla-eza-kusetyenziswa ingaphezulu kuma 20%, nto leyo ethetha ukuba umbona olinywayo ungapehu kwesidingo ngoko ke, ufanele ukuthengiswa kwamanye amazwe. Ixesha lokulima lama 2023/2024 lithelekelelwa ukuba nepesenti yempahla-eza-kusetyenziswa ye 19%, engekho phezulu xa kuthelekiswa nomthetho osentloko kodwa ingcono kunama 27% exesha lokulima elidlulileyo.



Ixesha lokulima lama 2023/2024 lithelekelelwa ukuba nepesenti yempahla-eza-kusetyenziswa ye 19%, engekho phezulu xa kuthelekiswa nomthetho osentloko kodwa ingcono kunama 27% exesha lokulima elidlulileyo.



OGUQUQUQLWEYO WAZE WATHENGISWA NGAPHANDLE

Igrafo 2 ibonisa umbona oguququqlweyo waze wathengiswa ngaphandle, kwaye iquka osetyenziswa ngabantu (umgca oblowu), osetyenziswa zizilwanyana/ngamashishini (umgca oorenji) nothengiswe ngaphandle (umgca ongwevu).

Ukususela kwixesha lokulima lama 2019/2020 ukuya phambili, impahla ethengiswa ngaphandle iye yanda kwade kwalixesa lokulima lama 2022/2023, elinxulunyanisa nolwalamano lwempahla-eza-kusetyenziswa kwiGrafu 1. Xa ulwalamano lwempahla-eza-kusetyenziswa lukwelona nqanaba layo liphezulu, impahla ethengiswa ngaphandle nayo ibikwelona nqanaba layo liphezulu.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba kwixesha lokulima lama 2023/2024, impahla ethengiswa ngaphandle kuthelekelelwa ukuba ulwalamano lwempahla-eza-kusetyenziswa lwehlide ngenxa yentengiso eqikelelekayo yombona ethande ukuba phantsi. Igrafo ibonisa ukuba osetyenziswa zizilwanyana namashishini awutshintshanga kangako kumaxesha okulima amahlau, lo gama otyiya ngabantu usahluka ukususela kwixesha lokulima elithile ukuya kwelinye.

ISIPHELO

Ixesha lokulima lama 2022/2023 ibilixesa lokhutshiswano ngokubhekiselele ekulimeni nakwintengo, nangona ulwalamano lwempahla-eza-kusetyenziswa lwehlide. Malunga nombona oguququqlweyo nothengiswa emazweni angaphandle, beliphantse ukuba nemveliso ethengiswa ngaphandle neyexesha lokulima edlulileyo. Malunga nexesha lokulima lama 2023/2024, kuthelekelelwa ukuba impahla ethengiswa ngaphandle ngokunjalo nentengiso ziya kwehla, nangona intengo ingazi kuguquka, oko kukhokelela kwipesenti yempahla-eza kusetyenziswa ethande ukuba phantsi. ■

*Malunga nohelo lwestiNgesi
IwePula yale nyanga, skena le
khowudi yeQR.*



JOHAN TEESSEN,
UMQEQUESHWA
KUBUNGCALI BEZOQO-
QOSHO, EGRAIN SA



Iqela labahleli

PHAHAMA GRAIN PHAKAMA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 086 004 7246
■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumcedisi – Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit
■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Jesseme Ross



INkubo yePGP yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Jacques Roux
IFree State eseNtshona (Bethlehem)
■ 082 377 9529 ■ jacques.rouxjr1@gmail.com

Johan Kriel

IFree State eseMpuma (Bloemfontein)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisi: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisi: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisi: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Phumzile Ngcobo (Umncedisi waseOfisi: Dundee)

■ 060 477 7940 ■ phumzile@grainsa.co.za
■ Office: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

MJ Swart

ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 072 090 7997 ■ mj@grainsa.co.za
■ e-Ofisi: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisi: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Eastern Cape (Kokstad & Mthatha)

UCwayita Mpotsi (Umncedisi waseOfisi: Mthatha)
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisi: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST



Usuku IwemiBhiyozo Iwama2023: Besilapho!

